Kwenzekani ukuba uMyalelo woKhuselo wophuliwe?

Ukuba uMmangalelwa wophule uMyalelo woKhuselo ngokuphinda akuphathe gadalala ngokwasemzimbeni okanye ngokukuthuka ngendlela echazwe ekuqaleni kwesi sikhokelo, unokufaka isimangalo kwisikhululo samapolisa uze ufake iGunya lokuBamba emapoliseni aza kuthi wona abambe uMmangalelwa lowo.

Esi sigqibo sokwenza iGunya lokuBamba emva kokwaphula uMthetho sesakho ngokupheleleyo. Esakube ebanjiwe, uMmangalelwa uza kujongana nezimangalo zolwaphulo mthetho aze axoxiswe kwiNkundla yoLwaphulo-mThetho ngokwaphula uMyalelo woKhuselo.

Khumbula, nangona kunjalo, ukuba iNkundla ifumanisa ukuba iGunya lokuBamba usetyenziswe ngolunya (ukwenza ukuba uMmangalelwa abanjwe ngaphandle kwesizathu esivakalayo), unokutshutshiswa ngokwayamene nomThetho. UMmangalelwa uza kuvela kwiNkundla yoLwaphulo-mThetho aze axoxe phantsi kweziMangalo zoLwaphulo-mThetho ngokwaphula imigqaliselo yoMyalelo woKhuselo awunikiweyo.

Ingaba iziMangalo zoLwaphulo-Mthetho zingarhoxiswa?



Asakube uMmangalelwa ebanjelwe ukwaphula uMyalelo woKhuselo, uMfaki siCelo akanakugqiba ukuba arhoxiswe isimangalo. UMtshutshisi woluNtu oPhezulu unelungelo elilodwa ukurhoxisa izimangalo.

Ndingawubekela bucala uMyalelo?

Unako, nangaliphi na ixesha, ukwenza isicelo sokuba uMyalelo ubekelwe bucala. Nangona kunjalo, kuyintando yoMtshutshisi ukuba awubekele ecaleni okanye angawubekeli caleni uMyalelo. Oku kuya kuthetha ukuba uMyalelo woKhuselo uphuthile.

Kubalulekile ukuqaphela ukuba kwiNkundla yomThetho, sisigqibo sokugqibela sikaMantyi esokuba uMyalelo woKhuselo unokubekwa bucala.

Malunga nolwazi olungaphaya, nceda unxulumane naba balandelayo:

ISebe lezobuLungisa noPhuhliso loMgaqo-siseko
Icandelo eloNgameleyo: UPhuhliso lwamaLungelo amaQela aNokwenzakala
umNxeba: (012) 1856/4
Ifeksi: (012) 315-1851
www.justice.gov.za

PHELISA UBUNDLOBONGELA BASEKHAYA

Into ekufuneka uyazile!

the doj&cd
Department:
Justice and Constitutional Development
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

STAND TOGETHER FOR RIGHTS
Jiyela i Justice

Phelisa ubundlobongela basekhaya!

UmThetho wobuNdlobongela baseKhaya we-116 ka-1998 uvumela ukuba ixhoba lodlakathiso ekhaya okanye lobundlobongela **lifune uMyalelo woKhuselo** kwaMantyi ngomntu **omphatha gadalala.** Injongo yesi siKhokelo **kukuxhobisa ixhoba ngolwazi** olulufunayo ukwenza isicelo soMyalelo woKhuselo ngokwemigqaliselo yomThetho wobuNdlobongela baseKhaya. **Amadoda nabasetyhini** bekunye **banganetyala**, yaye babe ngamaxhoba obuNdlobongela baseKhaya. Ngeenjongo zesi siKhokelo nangona kunjalo, siveze **ubundlobongela obenziwa kwabasetyhini** njengokuba bona **buqheleke ukwenzeka**.

Isicelo soMyalelo woKhuselo

1. namphi na ummangali ngendlela echaziweyo angasenza isicelo somyalelo wokhuselo enkundleni.
2. isicelo singeziswa nagowuphi na umntu nezinto ezinomdla kwimpilo yommangali umz. uNontlalontle okanye uMfundisi-ntsapho.
3. Namphi na umntwana okanye namphi na umntu omele umntwana, angasenza isicelo somyalelo wokhuselo.
4. isicelo singeviwa kwisithathamfanekiso yaye ummangali/ummangalelwa angavunyelwa ukuba eze abantu abangekho ngaphezulu kwesithathu ngenjongo zokunikeza inkxaso.
5. umyalelo wokhuselo ngokomthetho ngowobomi yaye unokunyanzelwa kwiRiphabliki yonke.

Ingaba ukhuselo ungalufuna ngokuchasene nabani?

1. umntu otshatele kuye, nokuba ngokomthetho okanye ngokwesiko;
2. umlingane wakho (nokuba ngowesini esifanayo okanye esahlukeneyo) ohlala okanye okhe wahlala kunye nawe, nangona beningatshatanga omnye nomnye okanye ningenako ukutshata omnye nomnye (ukuba umzekelo, omnye wenu sele etshatele komnye umntu);
3. omnye umzali womntwana wakho okanye abantu abanoxanduva lobuzali nawe ngomntwana;
4. abantu abazalana nawe ngegazi, ngomtshato okanye ngokukhuliswa;
5. umntu onxulumene naye ngengeji, ngesiko okanye ngokuhambisana, kuqukwa unxulumano oluthe ngqo okanye oluthathwa njengelothando, ngokobuqabane okanye ngokwesondo nokuba lolwexesha elingakanani na;
6. umntu ohlala okanye obusandula kuhlala naye endaweni enye.

IINOMBOLO EZILUNCEDO

AbaNtu abaChasene nokuPhathwa Gadalala kwabaseTyhini (POWA)	011 642 4345
iKomishini yamaLungelo oluNtu yoMzantsi Afrika	011 484 8300
I-LIFELINE	011 728 1347/0861 322 322
iKomishini yoLingano ngokweSini (CGE)	011 403 7182
iCandelwana eliziMeleyo leziKhalazo (ICD)	012 320 0431
Inkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika	10111
Phelisa ukuPhathwa Gadalala kwabaseTyhini	0800 150 150
Uncedo lwabantwana	011 938 8745
IFAMSA kuZwelonke	011 833 2057

Umba unokudluliselwa komnye umhla weNkundla ukuze uxoxwe. UMabhalana weNkundla uza kukunceda okanye akudlulisele kumntu oza kukunceda ekuqulunqeni impendulo.

Ngomhla wokumamela uMantyi uza kuzama ukwenza isigqibo esayamene neeNgxelo eziFungelweyo ezenziwe sesi sibini. UMantyi unokubuza omnye wenu okanye nobabini ngengcaciso yemiba ethile. UMantyi unokugqiba ekubeni awuqinisekise uMyalelo, ukubeka bucala uMyalelo, okanye ayalele ukuba ubungqina bomlomo bumanyelwe.

Ukuba uMmangalelwa akaphumeleli kwiTyala lakwaMantyi yaye unesiqinisekiso sokuba uMyalelo woKhuselo uwunikiwe (Ukubuyiswa kweNkonzo), uMantyi uya kuqinisekisa uMyalelo.

Ukuba uMantyi wanelisekile ukuba iNgxelo eFungelweyo ebhalwe ngumfaki sicelo iqinisekisa ngokucacileyo ukuba udlakathiso lwenzekile, uMantyi uza kuqinisekisa uMyalelo woKhuselo.

Ingaba kuza kuXoxwa iTyala?

Ukuba uMantyi akakwazi ukwenza isigqibo kumamelo ngenxa yembambano yemiba kwingxelo yelakho icala kunye neloMmangalelwa oko kutsho ukuba kukho imbambano kulwazi olunikwe sisibini, uMantyi uya kuwurhoxisela umba ukuba uXoxwe njengeTyala.

Etyaleni, isibini siza kucelwa ukuba sinike ubungqina phantsi kwesifungo size sibuzwe imibuzo lelinye icala. Omabini amacala aza kuvumeleka ukubiza amangqina kwanokunika nabuphi na ubungqina obubobunye obuza kuqinisekisa ityala labo, umzekelo, iziqinisekiso zonyango, iirekhodi zasesibhedlele, iifoto, amaxwebhu njl njl.

Khumbula ukuba ngokwemigqaliselo yoMthetho, amaPolisa kufuneka akuncedise nangayiphi na indlela ebekiweyo kuMyalelo weNkundla, umzekelo ngokuqokelela izinto zakho, amaxwebu eSAZISI, iincwadi zabantwana okanye impahla, njl-njl. Ukuba ufumanisa ukuba iPolisa alilonceda yaye liyala ukukunceda ngokunxulumene noMyalelo, oku ungakuxela kwi-kwiCandelwana eliziMeleyo leziKhalazo.

Kwakho qaphela nokuba **asingomsebenzi wamaPolisa** ukukunceda **ekususeni ifenitshala, likhompyutha, izinto ezaphukayo, njl-njl.**

Ingaba yintoni umhla wokuBuya?

Umhla wokubuya ngumhla obekiweyo ukunika iNkundla ithuba lokumamela uMmangalelwa phambi kokuba uMyalelo woKhuselo uqinisekiswe.

Ingaba kuza kwenzeka ntoni ngomhla wokuBuya?

Phambi koMmangali, uMmangalelwa unethuba lokubeka elakhe icala lebali kuMantyi. UMmangalelwa uza kwenza iNgxelo eFungelweyo ephikisayo okanye acele ithuba lokwenza iNgxelo eFungelweyo ephikisayo. La maphepha aza kunikwa wena. Uza kunikwa ke ngoku ithuba lokwenza impendulo.

Ingaba uMmangalelwa uza kubanjwa ngoMyalelo woKhuselo?

UMmangalelwa akazukubanjwa ngokufumana uMyalelo woKhuselo. Kuphela kukulwaphulo lwemiba yomyalelo apho uMmangalelwa anokubanjwa.

Kokuphi ukuDela iNkundla?

Kuxa uMmangalelwa owaphule uMyalelo, engaphumelelanga ukuya eNkundleni yoLwaphulo mThetho ukuphendula amatyala abekwe wona.

Loluphi ulwaphulo loMyalelo woKhuselo?

Kuxa uMmangalelwa engaphumelelanga ukulandela imiqathango yoMyalelo, ngamanye amazwi aphinde isimbo sodlakathiso sokuba, ngokuphathelelene noMyalelo woKhuselo onikiweyo, uthintelwe ekuqhubekeni.

Yintoni ubuNdlobongela baseKhaya?

- udlakathiso ngokwasemzimbeni

- ungcungcuthekiso

- udlathiso ngokwesondo

- ukuchwechela okanye ukufikelela endlwini yommangali ngaphandle kwemvume, apho ningahlali kunye

- ukuthuka

- ukumosha isakhiwo okanye ezinye izinto ezizezomntu

- udlakathiso ngokoqoqosho

- nasiphi na isimo esisesinye solawulo okanye sodlakathiso esibhekiselele kummangali apho eso simo sinjalo sithi sidale ingozi okanye sinokwenza ingozi ekufuphi kukhuseleko, impilo okanye ukuphileni kommangalelwa.

- isoyikiso

Amadoda kunye nabasetyhini bekunye **banokubanetyala**, yaye babe ngamaxhoba obuNdlobongela baseKhaya.

Kufuneka ndenze ntoni?

Ukuba ulixhoba lwayo nayiphi na indlela yobundlobongela njengoko kubekiwe apha ngentla, yiya kwiNkundla kaMantyi wasekuhlaleni uze ucele uncedo ukwenza isicelo soMyalelo woKhuselo. UMabhalana weNkundla uza kukuncedisa ekugcwaliseni iifomu ezifunekayo aze akuse kuMantyi oya kuqinisekisa ukuba uyakunika okanye akakuniki na uMyalelo. Iinkcukacha zabanikezeli beenkonzo abanokunika ingcebiso baze bakuncede kulo mba babekiwe ekuqaleni kwisiKhokelo.

Khumbula ukuba ngemihla kaxakeka, le nkonzo ifumaneka iiyure ezingama-24 ngosuku.

UMabhalana weNkundla uza kukunceda ekugcwaliseni iifomu eziyimfuneko aze akuse phambi kweMantyi.

Yeyiphi iNkundla ekufuneka ndiye kuyo?

Yiya kwiNkundla ekufuphi nalapho uhlala okanye usebenza khona.Ukuba ubunyanzeliswe ukuba ushiye indawo yakho ohlala kuyo ngenxa yobundlobongela yaye uhlala kwenye indawo okwexeshana, ungaya kwiNkundla ekufuphi nendawo ohlala kuyo yexeshana.

Yintoni iNgxelo eFungelweyo?

Ingxelo efungelweyo yingxelo eyenziwe phantsi kwesifungo. Oku kuthetha ukuba umntu owenza ingxelo ufungele ukuthetha inyani yaye uyaqonda ukuba uza kutshutshiswa ukuba kufumaniseka ukuba imiba (okanye inxalenye yayo) yeNgxelo eFungelweyo ayiyonyani. Kulityala kwiNkundla yomThetho ukwenza intetho ebubuxoki.

UMyalelo woKhuselo wexeshana uza kuthini?

- UMyalelo woKhuselo wexeshana uza kucela uMmangalelwa (umntu owenza udlakathiso) ukuba angakudlakathisi ngendlela ethile ekubekwe izityholo ngayo kwiNgxelo yakho eFungelweyo.
- UMmangalelwa angayalelwa ukuba angakudlakathisi ngokwasemzimbeni okanye ngokukuthuka wena okanye abantwana.
- Kwiimeko ezibalaseleyo, uMantyi angabona kulungile ukuyalela ukuba uMmangalelwa aphume kwindlu leyo kuhlalwa kunye kuyo okanye amthintele kwiindawo ezithile zendawo ekuhlalwa kunye kuyo.
- Ukuba abantwana bangamaxhoba odlakathiso, iNkundla inokuyalela ukuba uMmangalelwa angadibani okanye abe nomda othile wokudibana nabantwana.
- INkundla inokwenza umyalelo kaxakeka kuncedo lwemali. Oku kuthetha ukuba ukuba kufuneka ubange iinkcitho zonyango okanye iinkcitho zendawo yokuhlala eyenye ezivele ngqo ngenxa yodlakathiso, kufuneka uveze isiqinisekiso sezo nkcitho zenziweyo uze ucele iNkundla ukuba ijonge esi sicelo.
- INkundla ingayalela amapolisa ukuba ohluthe umpu woMmangalelwa ukuba wenze izoyikiso zokukubulala.

Ukuqonda ngokupheleleyo imo yodlakathiso oluthile olukwehlelayo, iNkundla ixhomekeke kwiNgxelo eFungelweyo oyibhalayo xa usenza isicelo sakho. Ngoko ke kufuneka unike iNkundla lonke ulwazi oluyimfuneko kwiNgxelo yakho eFungelweyo, umzekelo, iinkcukacha zezehlo zodlakathiso, umhla nendawo kunye nemo yesehlo sokugqibela.

Unokungabangi imali yesiBonelelo kwiNkundla yobuNdlobongela baseKhaya. Oku kufuneka kwenziwe **kwiNkundla yeziBonelelo.**

Ndingenza ntoni ngoMyalelo woKhuselo wexeshana?

UMyalelo woKhuselo wexeshana mawunikwe uMmangalelwa ngokukhawuleza kangangoko. Awunako ukuwunikezela ngokwakho uMyalelo kuMmangalelwa nanjengoko oko kungayi kwenza inkonzo eyiyo. Ngamanye amazwi, ukunikezela uMyalelo woKhuselo luxanduva lomntu onegunya lobugosa oko ukutsho iGosa lobuPolisa/ /umaBhalana eNkundla.

Kufuneka use uMyalelo woKhuselo wexeshana kwi-Ofisi yeNkulu yamapolisa kwisithili okanye kwisikhululo samapolisa esikufutshane nedilesi yendawo yokuhlala okanye asebenza kuyo uMmangalelwa. Kwisikhululo samapolisa, **nceda khumbula ukubhala igama kunye/okanye inombolo yebheji yepolisa olinike uMyalelo.** Oku kukunceda ukuba ukwazi ukulandelela uMyalelo mva. Izikhululo zamapolisa ezininzi zineGosa elonyuliweyo lokuphicotha imiba yobundlobongela basekhaya.

Cwangcisa neGosa lobuPolisa ukulanda iMbuyiselo yeNkonzo (ubuNgqina beNkonzo) Oku kuqinisekisa ukuba uMyalelo woKhuselo wexeshana uwunikiwe uMmangalelwa yaye uwufumene ubuqu. Sukucwangcisela ukuba amapolisa ahambise okanye apose iMbuyiselo yeNkonzo ngqo eNkundleni nanjengoko oku kucotha kakhulu yaye kungayi eNkundleni ngaphambi komhla wokubuyela. Ukubuyiselwa kwenkonzo fanele kunikezelwe kumaBhalana weNkundla kwangoko emva kwenkonzo.